

UNONDYEBO WEPHONDO



LIMPOPO
PROVINCIAL GOVERNMENT
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INCWADANA YECANDELO LE-14:

**KU
MTHETHO WOKUKHUTHAZWA
KOFIKELELO KULWAZI
, 2000
(UMTHETHO OYINOMBOLO YESI-2 KA-
2000)**

INGUQUELELO YESITHATHU

IZIQLATHO

| INOMBOLO YENQAKU | IPHEPHA |
|----------------------------------------------------------------------------------------|----------------|
| 1. Intshayelelo | 3 |
| 2. Igunya lomthetho | 3 |
| 3. Isikowupu sokusetyenziswa | 3 |
| 4. Ukufumaneka kwencwadana | 3 |
| 5. Ukwakhiwa kwenkampani | 4 |
| 6. Umbono, injonhgo, imisebenzi neenkonzo zesebe | 4 |
| 6.1. Umbono | 4 |
| 6.2. Injongo | 4 |
| 6.3. Imisebenzi | 4 – 6 |
| 6.4. zeQumrhu | 6 |
| 7. linkcukacha zoqhagamshelwano zegosa lolwazi | 7 |
| 8. Inkcazo kunyenofikelelo kwisikhokelo | 8 |
| 9. Ukuhlaziya kwencwadana | 8 |
| 10. lirekhodi | 9 |
| 10.1. Inkcazo yemixholo neendidi zeeRekhodi ezigcinwe lisebe | 9 – 10 |
| 10.2. liRekhodi ezifumaneka ngaphandle kwesicelo | 10 – 11 |
| 11. Inkqubo yesicelo | 11 |
| 12. Imihlaba yokwala ufikelelo kwiirekhodi | 11 |
| 13. Imali ehlawulwayo ehlawulelwaisicelo kunyenokwaziswa Ngesigqibo kufikelelo | 11 – 12 |
| 14. Uncedo olufumanekayo ngokunxulumene nokwenza okanye ukusilela ukwenza kumthetho | 12 |

- | | |
|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|----------------|
| 15. Imali ehlawulwayo njengoko imiselwe phantsi kwesigaba ii sesaziso se-187 kwigazethi karhulumente ngowe-15 februwari 2002 | 13 – 14 |
| 16. Ifom ezimiselwe ufilelelo kwiirekhodi | 15 - 19 |

1. INTSHAYELELO

UNondyebo wePhondo waseLimpopo wasekwa ngexa likaDisemba ka-2004 emva kwalawo yayingamasebe amabini (njengeSebe leziMali kunye noPhuhliso loQoqosho) aye ahlanganiswa.

UmThetho wokuKhuthaza uFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho oyiNombolo yesi-2 ka-2000) (umThetho) wawisa ngoMatshi ka-2001 ukukhuthaza uluntu IoMzantsi Afrika apho bonke abemi banofikelelo olunentsingiselo kulwazi, ukuze basebenzise ngokupheleleyo amalungelo abo kwaye bamkele umkhwa wokungafihli kunye nokuthatha uxanduva kumaqumrhu karhulumente kunye nawabucala.

2. IGUNYA LOMTHETHO

Le ncwadi iqulunqwe ngokungqinelana neCandelo le-14 lomThetho.

3. ISIKOWUPU SOKUSETYENZISWA.

Le ncwadi iseenza kubo bonke abasebenzi beSebe.

Ikopi yale ncwadi iyafumaneka ukuba ijongwe ngaphandle kwentlawulo. Ukujonga kwakhona kunokwenziwa kwiWebhusayithi kaRhulumente waseLimpopo (www.limpopo.gov.za).


4. UKUFUMANEKA KWENCWADANA

Le ncwadi yenziwe ukuba ifumanekе ngezi lwimi zilandelayo:

- IsiNgesi
- IsiBhulu
- Sepedi
- Tshivenda
- Tsonga

5. UKWAKHIWA KWEQUMRHU

Qaphela ukuba amagama angaphakathi kokwakhiwa makangatshintshwa



6. UMBONO, INJONGO, IMISEBENZI NEENKONZO ZESEBE

6.1. UMBONO

UkuGqwesa kuLawulo IwemiThombo kaRhulumente kuphuhliso IweNtlalo-Qoqosh.

6.2. INJONGO

UkuXhobisa uRhulumente wePhondo kunye noweNgingqi kuniKezo nkonz0 oluzinzileyo ngolawulo olulungileyo nolawulo lwemithombo karhulumente olululo.

6.3. IMISEBENZI

Le misebenzi ilandelayo yeSebe imiselwe licandelo le-18(1) nesi- (2) lomThetho woLawulo IweMali kaRhulumente, 1999 (umThetho oyiNombolo yoku-1 ka-1999):

“(1) Unondyebo wephondo kufuneka –

- (a) alungise uhlahlo Iwabiwo-mali Iwephondo;
- (b) asebenzise ulawulo ekuphunyezweni kohlahlo Iwabiwo-mali Iwephondo;
- (c) ukukhuthaza kunye nokunyanzelisa ukungafihli kunye nolawulo olunempumelelo ngokunxulumene nengeniso, inkcitho, ii-asethi kunye nezibophelelo zamasebe zephondo kunye namaziko oluntu ephondo; kunye
- (d) nokuqinisekisa ukuba imigaqo-nkqubo yalo yemali ayigwebi ngokubonakalayo nangokungafanelekanga imigaqo-nkqubo yoqoqosho yesizwe.

(2) Unondyebo wephondo –

- (a) kufuneka akhuphe imiyalelo kanondyebo wephondo engangqinelaniyo nomThetho woLawulo IweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act) (PFMA);
- (b) kufuneka anyanzelise i-PFMA kunye nazo naziphi na izithethe kunye nemigangatho emiselweyo yesizwe, kuquka nakuphi na ukusebenza kunye nenqubo yohlelo efanayo, kumasebe ephondo;
- (c) kufuneka athobele umThetho wokoHlulwa kweNgeniso yonyaka, kwaye ajonge aze ahlole ukuphunyezwu komThetho kumaziko karhulumente ephondo;

- (d) kufuneka ajonge kwaye ahlole ukuphunyezwa kumaziko karhulumente ephondo kwemigangatho kunye nezithethe zesizwe kunye nezephondo;
- (e) kufuneka ancede amasebe ephondo kunye namaziko karhulumente ephondo ekuphuhliseni izakhono zolawulo Ivezimali oloneleyo, olunempumelelo nolungafihliyo;
- (f) unokuphanda nayiphi na inkubo yolawulo Iwemali kunye nolawulo Iwangaphakathi olusetyenziswa lisebe lephondo okanye liziko likarhulumente lephondo;
- (g) kufuneka angenelele ngokuthatha amanyathelo afanelekileyo, anokuquka ukubanjwa kwemali, ukulungisa ukophulwa okubonakalayo okungamandla okanye okuzingayo kwe-PFMA lisebe lephondo okanye liziko likarhulumente lephondo;
- (h) kufuneka anike ngokukhawuleza naluphi na ulwazi olufunwa nguNondyebo wesizwe ngokwe-PFMA; kwaye
- (i) unokwenza nantoni na eyimfuneko ukuzalisekisa amaxanduva akhe ngempumelelo.”

6.4. IINKONZO

ISebe linika iinkonzo ezilandelayo kuluntu jikelele:-

6.4.1. UPhuhliso IweCandelo leMicimbi eNxulumene nabaSebenzi

- Ulungiselelo Iweemali zokufunda ngokweemfuno zophuhliso Ivezakhono kwiSebe
- Ulungiselelo lobufundi/ukufundela umsebenzi usemsebenzini kwiikhosi ezibalulekileyo kwiSebe
- Inkubo yokuhlanganiswa

6.4.2. ULawulo IweMithombo enokuGcinwa

- Ukuqhube uPhando noHlalutyo IweNtlalo-Qoqosho IwePhondo nolukaMasipala; kunye
- Nokwenza uHlahlo IwaBiwo-Mali IwePhondo
- UkuJonga uHlahlo IwaBiwo-Mali neNkcitho yePhondo nekaMasipala

6.4.3. ULawulo IweziMali noPhuhliso IweeNkqubo

- Ukuqinisekisa ulungiselelo IweeNkonzo zoCwangciso-mali kumaSebe kanye nooMasipala bePhondo
- Ukuqinisekisa uphuhliso kanye nokuphunyezwa kweeNkqubo zeziMali kumaSebe kanye nooMasipala bePhondo

6.4.4. li-asethi, iziBophelelo kanye nokuPhuma kweMpahla okanye iiNkonzo

- Ukuquuzelela ulawulo olusebenzayo nolunempumelelo kwee-Asethi eziKhoyo neMali kumaSebe kanye nooMasipala bePhondo
- Ukuquuzelela ulawulo olusenenzayo nolunempumelelo IweziBophelelo kumaSebe kanye nooMasipala bePhondo
- Ukuqinisekisa ulawulo lokuPhuma nokuNgena kweeNkonzo kumaSebe kanye nooMasipala bePhondo

7. IINKUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEGOSA LOLWAZI

INTloko yeSebe liGosa loLwazi ngokomThetho.

| | | |
|--------------------------|---|----------------------------------------------------------------------------|
| IGosa loLwazi | : | INTloko yeSebe |
| INombolo yomNxeba | : | (015) 298 7000 |
| I-Imeyile | : | io@treasury.limpopo.gov.za |

| | | |
|------------------------------|---|------------------------------------------------------------------------------|
| USekela Gosa loLwazi: | : | UMphathi weeRekhodi |
| INombolo yomNxeba | : | 015 298 7000 |
| I-Imeyile | : | dio@treasury.limpopo.gov.za |

| | | |
|-------------------------|---|---------------------|
| Inombolo yefeksi | : | 015 295 7010 |
|-------------------------|---|---------------------|

ULWAZI JIKELELE

IDilesi yePosi
Private Bag X9486
POLOKWANE
0700

IiDilesi zeziTalato
46 Hans van Ransburg Street
POLOKWANE
0700

Inombolo zeminxeba (UDLuliso IwemiNxeba)
(015) 298 7000

INombolo yeFeksi
(015) 295-7010

8. INKCAZO KUNYE NOFIKELELO KWISIKHOKELO

Icandelo le-10 lomThetho libonelela ngesikhokelo sokuba uwusebenzisa kanjani umThetho. Ilikopi ziya fumaneka kwakhona kwiidilesi ezilandelayo:

IKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika:

IYunithi ye-PAIA

The Research and Documentation Department

Idilesi yeposi: Private Bag X 2700

Houghton

2041

Umnxeba: 011-484 8300

Ifeksi: 011 484 1360

Iwebhusayithi: www.sahrc.org.za

I-imeyile: PAIA@sahrc.org.za

9. UKUHLAZIYWA KWENCWADI

ISebe linako, ukuba yimfuneko, ukuhlaziya kunye nokupapasha le ncwadi kubhekiselwe kuyo kwicandelwana (1) leCandelo le-14, ngamakhefu angekho ngaphezulu konyaka.

10. IIREKHODI

10.1 INKCAZO YEMIXHOLO KUNYE NEENDIDI ZEEREKHODI EZIGCINWE LISEBE

Ngeenjongo zokuququzelela isicelo ngokomThetho, imixholo kunye neendidi zeerekhodi ezigcinwe lisebe zingoku kulandelayo: (iCandelo le-14 (1) d)

| UMXHOLO | UMSEBENZI | UDIDI LWEEREKHODI |
|--------------------|------------------------------------------------------------|---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| ULawulo IweziMali. | Ukunikwa kweenkonzo zolawulo IweziMali, uKhuselo neeNgozi. | <ul style="list-style-type: none">• liNgxelo zoHlahlo IwaBiwo-mali kunye nezingeniso zeNqubo-sikhokelo yeNkcitho yeThuba eliPhakathi (Medium Term Expenditure Framework) (MTEF).• Iziteyitimenti zeNgeniso, iBhanki, iKheshi kunye nezokuhlawulwa kwee-akhawunti.• Ulawulo lokungena nokuphuma kwempahla ii-odolo kunye nokufunwa kwempahla/iinkonzo.• Irejista yee-asethi. |
| liNkonzo zeSebe. | Ulungiselelo lweenkonzo ezelungileyo zesebe. | <ul style="list-style-type: none">• Izicelo zengqesho.• Uyilo Iwesicwangciso esNxulumene neMicimbi yabaSebenzi kunye neefayile zobuqu.• Amayilo kunye neerekhodi zekhefu.• Isicwangciso sophuhliso Iwezakhono.• Izixhobo zokugcinwa kwemisebenzi kunye neerekhodi zothungelwano ngeminxeba.• lingxelo zonyaka eziya kwiKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika (South African Human Rights Commission) (SAHRC) kunye |

| | | |
|----------------------------------------------|----------------------------------------------------------------------------------|---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| | | <p>neengxelo zekota eziya kwi-Ofisi yeNkulumbuso (njengencwadi ye-PAIAI)</p> <ul style="list-style-type: none"> • lirekhodi zezixhobo kunye nabasebenzisi bobuchwepheshe bolwazi. • liJenali zomThetho noMsebenzi UmThetho wezobuDlelwane. • lIngxelo zokhuselo nezohlololo Iwe-MISS |
| Uyilo Iwesicwangciso kunye nolungelelwaniso. | ULawulo loyilo Iwesicwangciso, iinkqubo kunye nonxibelelwano | <ul style="list-style-type: none"> • lingxelo zophuculo lofezekiso Iweenkonzo. • lirekhodi zeNkqubo yokuNceda abaSebenzi (Employee Assistance Programme) (EAP). • lingxelo ze-HIV- AIDS. • Ingxelo yabemi • lingxelo zokusebenza kwesebe. • UKwakhiwa kweSebe • ImiGaquo-Nkqubo yeSebe • lincwadi ezithunyelelwa amalungu;. • Uyilo IweSicwangciso IweSebe • liNcwadi zeeNkqubo |
| ULawulo IweMithombo enokuGcinwa | UkuHlolwa koHlahlo IwaBiwo-Mali neNkcitho yePhondo nekaMasipala | <ul style="list-style-type: none"> • Ingxelo yengeniso • Imigaquo-nkqubo yengeniso • Ingxelo yoHlahlo IwaBiwo-mali kunye neNkcitho yePhondo neyeSebe eliPhantsi kukaRhulumente |
| ULawulo IweziMali noPhuhliso IweeNkqubo | ULawulo IweeNkonzo zoCwangciso-mali kunye noPhuhliso IweeNkqubo kumaSebe ePhondo | <ul style="list-style-type: none"> • Imigaquo-nkqubo • Amanqakwana okuziqhelanisa |

10.2 IIREKHODI EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KWESICELO (icandelo le-14 (1) (e)

lirekhodi ezilandelayo zifumaneka ngaphandle kwesicelo ngaphandle kokuba umntu enze isicelo sofikelelo ngokomThetho:-

- UKwakhiwa kweSebe
- Iinombolo zoqhagamshelwano zesebe
- IiFom zeziCelo zeNgqesho
- ImiGaquo--Nkqubo yeSebe
- imiThetho neMimiselo elawula igunya lesebe
- IiNcwadi zeeNkqubo
- INgxelo yabemi.
- Imigangatho yenkonzo.
- Itshata yonikezo nkonz.
- Uyilo Iwesicwangciso.
- Iincwadi ezithunyelelwa amalungu;
- Amaphetshana omthetho-siseko weBatho-Pele
- Ingxelo yonyaka
- Intetho yohlahlo Iwabiwo-mali
- Isikhokelo sabemi
- Ingxelo yohlahlo Iwabiwo-mali
- Ukujonga uhlahlo Iwabiwo-mali kunye nenkcitho
- Ingqikelelo yolungiso neerisiti
- IKhalenda yeMisitho yeSebe

lirekhodi ezingentla ziyafumaneka kwiwebhusayithi kaRhulumente wePhondo waseLimpopo, www.limpopo.gov.za

11. INKQUBO YESICELO

- ICandelo le-18 lomThetho libonelela ngeemfuneko zenkqubo zofikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente
- Umceli kufuneka asebenzise ifom (iFom A) eshicilelwwe kwiGazethi kaRhulumente

iGazethi(iSaziso sikaRhulumente R187 sowe-15 Februwari 2002).

12. IMIHLABA YOKWALA UFIKELELO KWIIREKHODI

- Isahluko sesi-4 somThetho sibonelela ngemihlaba yokwaliwa kofikelelo kwiirekjodi

13. IMALI EHLAWULWAYO EHLAWULELWA ISICELO KUNYE NOKWAZISWA NGESIGQIBO SOFIKELELO

- Umceli ofuna ufiukelelo kwirekhodi eliquilethe ulwazi lobuqu malunga naloo mceli akufunwa ukuba ahlawule imali ehlawulwayo yesicelo efunekayo. Bonke abanye abaceli kufuneka bahlawule imali ehlawulelwa isicelo engama-R35.
- Igosa lolwazi kufuneka lazise umceli (ngaphandle komceli wobuqu) ngesaziso, ecela umceli ukuba ahlawule imali ehlawulwayo emiselweyo yesicelo (*ukuba kukho nayiphi*) kwaye ayidiphozithe (*ukuba kukho nayiphi*) phambi kokuba kusetyenzwe ngokungaphaya ngesicelo
- Umceli unokufaka isibheno sangaphakathi, apha kufanelekileyo, okanye isicelo esiya enkundleni esichasene nethenda okanye intlawulo yemali ehlawulelwa isicelo.
- Emva kokuba igosa lolwazi lenze isigqibo ngesicelo, umceli kufuneka aziswe ngesigqibo esinjalo ngendlela afuna ukwaziswa ngayo umceli.
- Ukuba isicelo sivuniyiwe imali engaphaya ke ehlawulelwa ufiukelelo kufuneka ihlawulelwe ixesha lokuVelisa kwakhona, ukukhangela, kunye nokulungiswa elidlulileyo kwiiyure ezimiselweyo zokukhangela kunye nokulungisa iirekhodi ukuze zixelwe
- Ufiukelelo kwirekhodi luya kubanjwa de imali ehlawulwayo ibe ihlawulwe.

**14. UNCEDO OLUFUMANEKAYO NGOKUNXULUMENE NOKWENZA
OKANYE UKUSILELA UKWENZA KUMTHETHO [iCandelo le-14(1)(h)]**

- Isibheno sangaphakathi kwisigqibo segosa lolwazi okanye usekela gosa lolwazi sinokufakwa kwi-MEC yesebe, okanye umntu owonyulwe ngokubhalwe phantsi yi-MEC, kuwo nawuphi na kule mihlaba ilandelayo:
 - Ukwaliwa kokunikwa ufikelelo; okanye
 - Isigqibo esithathwe ngokwecandelo lama-22, 26(1) olkanye 29(3)
- INxenye yesi-4, iSahluko soku-1 somThetho sibonelela ngokuba iinkqubo ezilandelayo zilandelwe kwizibheno zangaphakathi nokuchasene nezigqibo zegosa lolwazi okanye zamaqumrhu athile

**15. IMALI EHLAWULWAYO NJENGOKO IMISELWE PHANTSİ KWESIGABA II
SESAZISO SE-187 KWIGAZETHI KARHULUMENTE NGOWE-15
FEBRUWARI 2002**

**N.B. Ifom kune nemali ehlawulwayo ezimiselwe ngumThetho
zikwafumeneka kwiwebhusayithi yeSebe
lezobuLungisa noPhuhliso IoMgaqo-siseko
(www.doj.gov.za) phantsi kwecandelo lemimiselo.**

1. Ngekopi nganye yencwadana njngoko kuxeliwe kummiselo 5(c) ngama-R0,60 ngekopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko.
2. Imali ehlawulelwa ukuvelisa kwakhona ekubhekiselwe kuyo kummiselo 7(1) njengoku kulandelayo:

| | |
|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|--------------|
| (a). Ngekopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko | R0,60 |
| (b). Ngekopi nganye eshiclelwego yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko ekwikhompyutha okanye engeletroniki okanye engohlobo olufundeka ngomatshini | R0,40 |
| (c). Ikopi engohlobo olufundeka kwikhompyutha ekwi- | |
| (i) cwecwe lesitifi | ngama-R5,00 |
| (ii)licwecwe le-compact | ngama-R40,00 |
| (d). (i) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo, ngephepha lesayizi ye-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko | ngama-R22,00 |
| (ii) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo | ngama-R60,00 |
| (e). (i) Ngetranskripshini yerekhodi evakalayo, ngephepha eliyisayizi ye-A4 okanye inxenyne yalo ngaphaya koko | li-R12,00 |
| (ii) Ngekopi yerekhodi evakalayo | li-R17,00 |

3. Imali yesicelo ehlawulwayo ngumceli ngamnye, ngaphandle komceli wobuqu, ekubhekiselwe kuye kwicandelo le-7(2) ngama-R35,00.

4. Imali ehlawulelwa ufilelelo ngumceli ekubhekiselwe kuyo kummiselo we-7(3) ingale ndlela ilandelayo:

4.1

| | |
|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|--------------|
| (a) Ngekopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko | R0,60 |
| (b) Ngekopi nganye eshicilelwego yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko ekwikhompyutha okanye engeletroniki okanye engohlobo olufundeka ngomatshini | R0,40 |
| (c) Ngekopi engohlobo olufundeka kwikhompyutha ekwi- | |
| (i) cwecwe lesitifi | ngama-R5,00 |
| (ii) licwecwe le-compact | ngama-R40,00 |
| (d) | |
| (i) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo, ngephepha lesayizi ye-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko | ngama-R22,00 |
| (ii) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo | ngama-R60,00 |
| (e) | |
| (i) Ngekopi yerekhodi evakalayo, ngephepha lesayizi ye-A4 okanye inxenyne yayo ngaphaya koko | li-R12,00 |
| (ii) Ngekopi yerekhodi evakalayo | li-R17,00 |
| (f) Ukukhangela Kunye nokulungsia irekhodi ukuze zixelwe, li- kwiure nganye okanye kwinxenyeyeyure, kukhutshelwa ngaphandle iyure yokuqala, efuneka ngokufanelekileyo kukhangelo olunjalo, ngokufanelekileyo kukhangelo Kunye nolungiso olunjalo. | |
| | |
| | |

- 4.2 Ngenxa yeenjongo zecandelo lama-22(2) lomThetho, oku kulandelayo kuyasebenza:

- (a) iiyure ezintandathu kuba iiyure ekudluliswe ngazo idiphozithi iyahlawulwa; kwaye
- (b) isinye sesithathu semali ehlawulelwa ufilelelo sihlawulwa njengediphozithi

ngumceli.

- 4.3 Imali yokuqala ehlawulelwa ukuposa xa ikopi yerekhodi kufuneka iposelwe umceli.

16. IIFOM EZIMISELWE UFIKELELO KWIIREKHODI

**ISIHLOMELO B SESAZISO SE-187 KWIGAZETHI KARHULUMENTE NGOWE-15
FEBRUWARI 2002**

IFOM A

ISICELO SOFIKELELO KWIREKHODI

(ICandelo IE-18 (1) lomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho oyiNombolo yesi-2 ka-2000))

[UMmiselo wesi-2]

ISICELO SOFIKELELO KWIREKHODI

KUSETYENZISWA LISEBE

Inombolo yereferensi:.....

Isicelo sifunyenwe ngu: -

Igama:.....

Isikhundla:.....

Umhla:.....

Indawo:.....

IMali ehlawulelwa isicelo (ukuba kukho nayiphi): R

Idiphozithi (ukuba kukho nayiphi): R

IMali ehlawulelwa urikelelo: R

Mna

USAYINO: IGOSA LOLWAZI/SEKELA GOSA LOLWAZI

A. linkcukacha zequmrhu likarhulumente

| IGOSA LOLWAZI | IDILESI |
|-----------------------|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| IGOSA LOLWAZI | Private Bag X9486 POLOKWANE 0700 INOMBOLO YOMNXEBA.: +27 15-298 7000 INOMBOLO YEFEKSI.: +27 15- 293-8319 I-imeyile: io@treasury.limpopo.gov.za |
| USEKELA GOSA LOLWAZI: | IDILESI |
| USEKELA GOSA LOLWAZI: | Private Bag X9486 POLOKWANE 0700 INOMBOLO YOMNXEBA.: +27 15-298 7000 INOMBOLO YEFEKSI.: +27 15 298 7010 I-imeyile: dio@treasury.limpopo.gov.za |
| ULwazi Jikelele | Iidilesi zeziTalato: - 46 Hans van Ransburg Street POLOKWANE 0700 Iwebhusayithi: www.limpopo.gov.za IDilesi yePosi: Private Bag X9486 POLOKWANE 0700 Umnxeba: +27 15 298 7000 Ifeksi: +27 15 295 7010 |

B. linkcukacha zomntu ocela ufilelelo kwirekhodi

IFOM YESICELO SOFIKELELO KWIIREKLHODI

IFANI:

Table 1. Summary of the main characteristics of the four groups of patients.

AMAGAMA APHELELEYO:

Table 1. Summary of the main characteristics of the four groups of patients.

INOMBOLO YESAZISI:

IDILESI YEPOSI:.....

[View Details](#) | [Edit](#) | [Delete](#)

C. linkcukacha zomntu lowo senziwa egameni lakhe isicelo

Eli candelo kufuneka ligcwaliswe kuperha ukuba isicelo solwazi senziwa egameni lomnye umntu.

AMAGAMA APHELELEYO:

INOMBOLO YESAZISI

D. linkcukacha zerekhodi

(a) Nika iinkukacha ezipheleleyo zerekodi elo kufunwa ufikelelo kulo, kuqkwa nenombolo yereferensi ukuba ngaba uyayazi, ukuze likwazi ukufunyanwa irekhodi.

*Ukuba ngaba isithuba esinikiwego asonelanga nceda uqhubo kwiphepha elongezelelwego uze ulihloomele kule fom. **Umceli kufuneka asayine onke amaphepha awongezelelekileyo aneenombolo.***

INKCAZO YEEREKHODI:.....

.....
.....

INOMBOLO YEREFERENSI:.....(ukuba
ikhona)

NAZIPHI NA IINKCUKACHA EZINGAPHAYA
ZEREKHODI.....

.....

E. Imali ezhlawulwayo

(a) Isicelo sofikelelo kwirekhodi, ngaphandle kwerekhodi eliquelethe ulwazi lobuqu malunga nawe,
luya kulungiswa kuhela emva kokuba **imali ehlawulelwa isicelo** ihlawulwe.

(b) Uyakwazisa ngesixa ekufuneka sihlawulwe njengemali ehlawulelwa isicelo.

(c) **Imali ehlawulwayo yokufikelela** kwirekhodi ixhomekeka kuhlobo olufunwa ngalo ufilelelo
kuney nexesha elifanelekileyo lokukhangela kunye nokulungisa irekhodi.

(d) Ukuba ngaba ufanelekile ukuba unyeniyiselwe intlawulo yayo nayiphi na imali ehlawulwayo,
nceda uxele isizathu ke ngoko.

Isizathu sokunyeniyiselwa ekuhlawuleni imali ehlawulwayo:

.....
.....
.....

F. Uhlobo lofikelelo kwirekhodi

Ukuba ngaba uthintelwa kukukhubazeka ukuba ufundø, ujunge okanye umamele kwirekhodi
ngohlobo lofikelelo olubonelelwe kwisi-1 ukuya kwisi-4 ngezantsi, xela ukukhubazeka
kwakho kwaye ukhobise ukuba loluphi na uhlobo olufuneka ngalo irekhodi.

Ukukhubazeka:

Uhlobo elifuneka ngalo irekhodi:

Phawula ibhokisi efanelekileyo ngo- "X".

AMANQAKWANA:

(a) *Ukukhombisa kwakho uhlobo olufunwayo lofikelelo kuxhomekeke kuhlobo olo lufumaneka ngalo irekhodi.*

(b) *Ufikelelo ngohlobo oluceliweyo lunokwaliwa kwimeko ezithile. Kwimeko enjalo uyakwaziswa ukuba ufikelelo lunokunikwa ngolunye uhlobo.*

(c) *Imali ehlawulwayo yokufikelela kwirekhodi, ukuba kukho nayiphi, iya kumiselwa inxenye yayo luhlobo ololucelwe ngalo ufikelelo.*

1. Ukuba ngaba irekhodi lingohlobo olubhaliwego okanye olushicilelweyo -

| | | | |
|--|------------------|--|----------------------|
| | ikopi yerekhodi* | | ukuhlolwa kwerekhodi |
|--|------------------|--|----------------------|

2. Ukuba irekhodi linemifanekiso ebonwayo -

(oku kuquka iifoto, izilayidi, okurekhodwe kwividio, imifanekiso eyenziwe ngekhompyutha, iziketshi, njalo njalo)

| | | | | |
|--|------------------|----------------------|--|------------------------------|
| | bona imifanekiso | iikopi zemifanekiso* | | ukukhutshelwa kwemifanekiso* |
|--|------------------|----------------------|--|------------------------------|

3. Ukuba iirekhodi zinamagama okanye ulwazi olurekhodiwego olunokhutshelwa kwisandi

| | | |
|--|----------------------------------------|-----------------------------------------------------------------------------------------------|
| | mamela isandi (ikhasethi evakalayo) | Ukukhutshelwa kwesandi somculo orekhodiwego* (uxwebhu olubhaliwego okanye olukhutshelwego) |
|--|----------------------------------------|-----------------------------------------------------------------------------------------------|

4. Ukuba irekhodi ligcinwe kwikhompyutha okanye ngeletroniki okanye ngohlobo olufundeka kumatshini -

| | | | |
|--|--------------------------------|----------------------------------------------------|--------------------------------------------------------------------------|
| | ikopi eshicilelweyo yerekhodi* | ikopi eshicilelweyo yolwazi oluthathwe kwirekhodi* | ukukhutshelwa ngohlobo olufundekayo* (isitifi okanye icwecwe lediski) |
|--|--------------------------------|----------------------------------------------------|--------------------------------------------------------------------------|

| | | |
|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|------|
| <p>*Ukuba ucele ikopi yokukhutshelwa kwerekhodi (ngentla), ingaba unqwenela ukuba ikopi okanye okukhutshelweyo kuthunyelwe kuwe ngeposi?</p> <p>Imali yokuthumela iyahlawulwa.</p> | EWE | HAYI |
| <p><i>Qaphela ukuba xa lingafumaneki irekhodi ngolwimi olukhethayo, ufilelelo lunokunikwa ngolwimi olo lufumaneka ngalo irekhodi.</i></p> | | |
| <p>Loluphi ulwimi okhetha ukulifumana ngalo irekhodi? </p> | | |

G. Isaziso sesiggibo ngokuphathelene nesicelo sofikelelo.

Uya kwaziswa ngokubhalwe phantsi ukuba ingaba isicelo sakho sivunyiwe/sikhatyiwe na. Ukuba ngaba unqwenela ukwaziswa ngenye indlela, nceda uxele indlela kwaye unike iinkcukacha ezibandakanyekayo ukuze kuthotyelwe isicelo sakho.

Ukhetha ukwaziswa njani ngesiggqibo esiphathelene nesicelo sakho sokufikelela kwirekhodi?

Isayinwe ngolu(Suku) luka
(iNyanga) 20.....

USAYINO LOMCELI/ UMNTU ESENZIWA EGAMENI LAKHE ISICELO